Wes-Kaapse Provinsiale Parlement
Western Cape Provincial Parliament
IPalamente yePhondo leNtshona Koloni

IMITHETHO YEMIGAQO

UXWEBHU LWEMIBA 3

UPHENGULULO 1, 4 JULAYI 2016

Ngokwemigaqo yeCandelo 23 woMgaqo-siseko weNtshona Koloni, iPalamente yePhondo "ingamisela ize ilawule amalungiselo ayo angaphakathi, iinkqubo nemigaqo kwaye ingenza imithetho ngokunxulumene nomcimbi wayo…". Ngokwenza njalo, iPalamente yePhondo idala isiseko sayo sokuqhuba imisebenzi yayo yomgaqo-siseko.

Imithombo apho umgaqo wepalamente ufumana igunya lawo:

- UKwenza;
- IMithetho eSisigxina neZigqibo zeNdlu;
- IZigwebo eziphuma kuSihlalo; kunye
- noMmiselo.

Ukwenza

Ukwenza kudalwe yiPalamente ngokwayo kwaye kufuneka kuchazwe njengaloo nxalenye yomgaqo ephuhlisa ngokuzenzekelayo ngexesha lokuhlala kweNdlu. Ukwenza kuphuhliswa bubulumko kwaye siphathwa ngohlobo olunye ePalamente nokokuba ubulumko bezobulungisa buphathwa ezinkundleni zamatyala. Uphawu olungundoqo oluqhelekileyo lokwenza kukubonelela ngengxoxo-mpikiswano kwakunye nokukhusela ukuba izigqibo zingathatyathwa ngaphandle koqwalaselo olupheleleyo.

Imithetho nemiyalelo esisigxina

IMithetho eSisigxina yenza isiseko sesibini esiphambili kumgaqo kwaye ijoliswe ekukhawuleziseni inkqubo yomcimbi kwiNdlu. IMithetho eSisigxina yenziwa yiNdlu (ngeKomiti yeMithetho yayo) kwaye ayikhuselekanga kulungiso okanye ubhangiso.

IZigwebo eziphuma kuSihlalo

IZigwebo eziphuma kuSihlalo zinikezelwa ukuphendula kwizinqwanqwado eziphakanyiswe kwiingxoxo-mpikiswano kwaye izigwebo ezinjalo zingumthombo ongundoqo wesenzo sale mihla. Zifuneka rhoqo ukusebenzisa iMithetho eSisigxina kumatyala amatsha kwanokuvala umsantsa phakathi kweMithetho eSisigxina nesenzo sakudala.

UMmiselo

Umba womgaqo, ofumana igunya lawo kumthetho, mncinane kakhulu. Umzekelo ingangowesininzi esisodwa esifunelwa ukulungisa uMgaqo-siseko.

Posbus 648, Kaapstad
8000, Suid-Afrika

PO Box 648, Cape Town
8000, South Africa

PO Box 648, Ekapa
8000, Mzantsi Afrika

www.wcpp.gov.za
+27 21 487 1600